U-Iingxoxo Ngamanzi – eMzantsi Afrika
“ukuphuhlisa inkonzo ngokuthetha-thethana”

Yintoni u-Iingxoxo Ngamanzi – eMzantsi Afrika?
U-Iingxoxo Ngamanzi-eMzantsi Afrika, owaziwa ngo-Water Dialogues – South Afrika (WD-SA) ngelasemzini, liphulo lamaqela amaninzi elijolise ekuphuculeni iinkonzo zamanzi nokucocwa kwelindle eMzantsi Afrika, loo nkonzo iphuculwa ngoncedo lophando olunzulu nokuthetha thethana. Asiniki uncedo oluya ngqo ebantwini bendawo, koko sisebenzela ukuba sibe nefuthe kumgaqo nkqubo ukuze kuphuculwe inkonzo.

Kutheni sizibandakanya nemiba ephathelele kwiinkonzo zamanzi nogutyulo-lindle ekuhlaleni nje?
Apha ehlabathini jikelele kukho abantu abaninzi abangenawo amanzi acocekileyo nalungele ukuselwa, bengenayo nendlela efanelekileyo yokucocwa kwelindle. Nalapha eMzantsi Afrika basebaninzi abantu abangafikeleliyo kumanzi alungele ukuselwa abangenayo nendlela yokucocwa kwelindle, nangona nje urhulumente eqinisa imizamo yakhe yokuphumeza ezi njongo. UMgaqo Siseko uthi wonke ubani unelungelo lokufumana amanzi awaneleyo, akhuselekileyo, afikelelekayo nangabizi kakhulu kanti ukwanelungelo lokufumana inkonzo yokucocwa kwelindle.

Injongo yeli phulo *kukunika urhulumente izimvo neengcinga ezinokunceda ukuba kuphuculwe inkonzo yokuhanjiswa kwamanzi.* Amaphulo ayelele kweli ayaqhutywa kwamanye amazwe amane angala: iBrazil, iPhilippines, iUganda, neIndonesia.

Ngubani osibonelela ngeenkonzo zamanzi, ingubani ococa ilindle eMzantsi Afrika?
OoMasipala ngabo abanoxanduva lokuhambisa amanzi nokucoca ilindle ngoba bangooSomagunya Beenkonzo Zamanzi, le nto yaziwa ngokuba ziiWater Service Authorities (WSAs). UMasipala unakho ukukhetha ukuyenza ngokwakhe le nkonzo okanye aqeshe elinye iqumrhu ukuba lenze le nkonzo egameni loMasipala lowo. Elo qumrhu ke liya kwaziwa ngokuba liyiWater Service Provider (WSP), ngesiXhosa singathi uMniki Nkonzo Yamanzi.

OoMasipala bathi bahlangane neengxaki ezininzi ezithi zenziwe kukuba loo Masipala uthile abe usemtsha okanye usemncinane, maxawambi abe kanti akathathi-ntweni okanye unabasebenzi abangawuqeqeshelwanga loo msebenzi uthile. Lo Masipala kusenokwenzeka ukuba uza kuhambisa le nkonzo yamanzi kubantu abaninzi abangazange bayifumane ngaphambili. Abanye ooMasipala banamanzi amancinci kakhulu kuba iindawo abakuzo zomile.

Amanye amaqela acebisa ukuba amaqumrhu okanye iinkampani zabucala zincedise ekuhanjisweni kwamanzi nasekucocweni kwelindle. Amanye acebisa ukuba kuqeshwe Amaqumrhu Asekelwe Kubemi Bendawo, iiCommunity Based Organisations (CBOs) okanye iibhodi zamanzi ukuba zifake isandla kule nkonzo.

Yintoni injongo yomsebenzi wethu, sisebenza njani?

Injongo yolu phando kukuchonga onke amaqumrhu anikezela ngeenkonzo zamanzi eMzantsi Afrika, ze sijonge ukuba ngawaphi asebenza ngcono kunamanye.

Thina beWD-SA sikhokelwa liQela Lokusebenza, le nto kuthiwa yiWorking Group (WG) kwaye umsebenzi wethu uqhutywa ngeendlela ezintathu ezizezi:

- *Senza uphando kwiidawo ezahlukeneyo.* Sifumanisa ukuba amanzi ahanjiswa njani, kwaye abantu bafumana ngxaki zini kwiindawo ngeendawo.
- *Siqala inkqubo yothetha thethwano.* Sidibanisa abantu namaqumrhu achaphazelekayo kwinkonzo yokuhambisa amanzi nokucoca ilindle, ukwenzela ukuba babonisane, baxoxe, babelane ngezinto abazifumanisayo malunga nenkonzo yamanzi.
- *Siyabelana ngezinto esizifumanisileyo*. Sibhala phantsi esikufumanisileyo kuphando nakwinkqubo yothetha thethwano ukuze sabelane ngolu lwazi nabanye ukwenzela ukuba sisonke siphucule inkonzo yokuhambisa amanzi nokucoca ilindle

Zeziphi iindawo esiya kusebenza kuzo?

Le WD-SA ikhethe zonke iindawo apho amanzi ahanjiswa ngamaqumrhu ahlukeneyo. Iindawo ezintathu : iUgu, iIllembe neBushbuckridge – zakhethwa kuqala. Emva kokuqwalasela iziphumo zolu phando uWD-SA uceba ukwenza uphando kwezinye iindawo.

Sifuna ukufumanisa ulwazi oluninzi kangangoko malunga nokuhanjiswa kwamanzi nokucocwa kwelindle ukwenzela ukuba sithelekise ulwazi esilufumanise kwenye indawo nolo silufumene kwezinye iindawo okanye izithili.

Ngoobani esiya kunxibelelana nabo?

Wonke umntu uyawadinga kwaye uyawasebenzisa amanzi (amadoda, abafazi, abantwana, izityebi namahlwempu; abantu abakhubazekileyo; abadala nabatsha; abagulayo nabaphilileyo; njalo njalo). Kufuneka sithethe nazo zonke ezi ndidi zabantu ukuze sive kubo ukuba ezi nkonzo zamanzi nogutyulo-lindle zifikelela njani kubo.

I WD-SA iqeshe iingcali zophando ezizimeleyo ukuba zenze olu phando. Phambi kokuba ziqale uphando iingcali zophando ziya kunxibelelana nawo onke amagunya achaphazelekayo ukuze ziqinisekise ukuba zithetha:

- noMasipala kunye nabantu abahambisa amanzi
- nabantu okanye abemi bendawo, bona basebenzisa amanzi
- iinkokheli zoluntu, abantu abangamalungu eekomiti, namalungu eminye imibutho yabemi beendawo, bona benza izigqibo malunga namanzi oluntu.

Kungani kubalulekile ukuba abahlali bayithathe inxaxheba kolu phando nje?

Ukutshintsha inkqubo kuthatha ixesha phambi kokuba abantu baluve uncedo lwemguqu. Ngokuthatha inxaxheba kolu phando abemi baya:

- kuba nolwazi olungcono malunga nemibandela yamanzi abo nokucocwa kwelinye
- kuncedwa ziingcali zophando ngenkqubo yokucinga nokubhala ingxelo yemeko yabo egqubayo
- kunika ulwazi oluza kunceda kuguqulwe inkqubo yokuhanjiswa kwamanzi nokucocwa kwelindle ukuze kuncedakale bonke abemi belizwe ngokubanzi,

Olu phando luza kuyijika njani indlela ezihanjiswa ngayo ezi nkonzo?

Njengokuba iziphumo zophando zivela, iQela Lokusebenza leWD-SA liza kuxoxa lithetha thethane ngezi zinto zifunyaniswa luphando. Amaqumrhu akwiQela Lokusebenza aya kuqinisekisa ukuba olu lwazi lufunyaniswayo lungena kwinkqubo ekhoyo yamanzi nokucocwa kwelindle. Xa inkqubo itshintshwe kwizinga likazwelonke, iya kwenza ukuba inkonzo yokuhanjiswa kwamanzi nokucocwa kwelindle kwiindawo ngeendawo itshintshe nayo.

Yintoni esinako nesingenako ukuyenzela uluntu?

Siya kunika abemi beendawo ulwazi olunokubanceda xa bexhasa izicelo zokuphuculwa kweemeko zeenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle. Olu lwazi luya kuba:

- yikopi yengxelo yophando equka iinkcukacha ezinikwe ngabemi bendawo ethile nabezinye iindawo kwisithile esinye, nezo zinikwe yi WSP yendawo
- ziinkcukacha zeminye imibutho esebenza ngenkonzo yamanzi nelindle

Asinakho ukwenza oku kulandelayo:

- ukucengela abathile kubahlali
- ukungenelela nangaluphi na uhlobo ekusombululeni iingxaki abazifumanayo abemi malunga neenkonzo zamanzi nogutyulo-lindle, okanye eminye imibandela.

Ngubani uWD-SA kwaye sisebenza njani?

Lo WD-SA ukhokelwa liQela Lokusebenza (WG)elinamalungu angabameli bala macandelo alandelayo:

- urhulumente wendawo nokazwelonke
- icandelo labantu babucala
- AmaQumrhu Angengowaseburhulumenteni (ajongene nokuhanjiswa kakuhle kweenkonzo nokulungiselela uluntu) namaQumrhu Asekelwe Kuluntu Lwendawo (CBOs)
- Iimbumba zabasebenzi
- Iibhodi zamanzi
- Amaqumrhu ophando / awemfundo

IQela Lokusebenza (WG) lidibana qho emva kweenyanga ezintathu ukwenzela ukukhokela uphando nokuthetha thethana. UMququzeleli weQela Lokusebenza nguye onoxanduva lokuqhubela phambili le nkqubo, efumana inkxaso kuMlawuli Wephulo wethutyana noMphathi Zincwadi omnye.

Amalungu eQela Lokusebenza (Siza kuwayeka ebhalwe ngesiNgesi kuba abizwa ngolo hlobo)

- Bloem Water
- Department of Water Affairs and Forestry
- Environmental Monitoring Group
- eThekwini Municipality
- Johannesburg Water Management
- South African Local Government Association
- South African Municipal Workers Union
- South African Water Caucus
- The Mvula Trust
- Water Information Network- SA
- Water Research Commission
- Water and Sanitation Services South Africa

Imali exhasa uWD-SA ivela kwiqumrhu iIrish Aid. Ingxowa ilawulwa liQumrhu Elingelolaseburhulumenteni elimi eKapa nelaziwa ngokuba yiEnvironmental Monitoring Group. Amalungu eQela Lokusebenza anikezela ngesisa ngexesha lawo, nangeendleko ezinxulumene nokuthatha inxaxheba kwawo. Umbutho owaziwa ngokuba yiHeinrich Boll Foundation nguwo owakhupha imali yokuqala yokusebenza.

Siceba ukusebenzisana njani?

Amalungu eQela Lokusebenza avumelene ngeSivumelwano Sokuziphatha esikhokela indlela yokusebenzisana. Esi sivumelwano sinceda xa kukho izimvo eziphikisanayo zamalungu. Isivumelwano sibuya siquke oku:

- Ukusebenza ngokuselubala kungafihlwa nto
- Ukungazithi pahaha izinto ekusaxoxwa ngazo
- Ukuba nokuphendula kumalungu amacandelo ahlukeneyo
- Ukwamkela ubunini beziphumo zophando esidlangalaleni
- Ukusebenza ngengqondo evulekileyo, ukusebenzisana, nokusebenza ngomoya wophando ngokuzinikela
- Innovative, dynamic and forward-looking Ukuveza amacebo amatsha, ukuguquka namaxesha nokusebenza kujongwe phambili
- Ukusebenza kunye kugxilwe ekufumaneni izisombululo ezinokunceda
- Ukuzinikezela kwinkqubo
- Ukuxabisana nokuhlonelana
- Ukuthathela ingqalelo ubunzima benkqubo
- Ukuhlonela izimvo zabantu abambalwa nabajongelwe phantsi

Unganxibelelana njani nathi?

Ukuba unemibuzo ngeli phulo nceda unxibelelane nalo ungezantsi:

Mary Galvin (Coordinator), The Water Dialogues - South Africa
115 Sir Duncan Road, Glenwood, Durban, 4001
Tel: 031 205 8610, Fax: 031 205 9034,
Email: waterdialogues@mail.ngo.za
Website: www.waterdialogues.org